



Ikamva-Ukunonophela
abantwana bethu

Isiqinisekiso 1

**Isihloko sesifundo: Ukukhula kweBandla eliTsha lobuPostile
(Icandelo 2)**

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya



Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiQinisekiso esithi “**Ukukhula kweBandla eliTsha lobuPostile (Icandelo 2)**”

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	<p>Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSH</p>
2.	<p>Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo:</p> <ul style="list-style-type: none">• iBhayibhile• Isifundo esikwimo yePDF eselete ilungisiwe• Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl.• Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela• ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neeMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso) <p>Qaphela:</p> <p>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemvu kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.</p> <p>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho!</p> <p>ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.</p> <p>2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 1).</p> <p>2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufunu naluphina uncedo okanye ufunu nasiphina sisixhobo kwezi zingasentla.</p>
3.	<p>Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.</p>



Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekaka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apha wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. Umzekelo: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono Iwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uku...)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kune nolunye usapho olunomntwana.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).



Isifundo

Isihloko seSifundo

Ukukhula kweBandla eliTsha lobuPostile (Icandelo 2)

Injongo yesifundo

Abantwana bafunda ngeemeko ezazisasazeka phantsi
kweBandla eliTsha lobuPostile ekuqaleni.

Isishwankathelo sesifundo:

IBandla eliTsha lobuPostile lasekwa e-Australia, eMntla nakuMzantsi Merika ngokunjalo nase Mzantsi Afrika. Siza kugxila kwindlela ibandla elasekwa ngalo eMzantsi Afrika kwesi sifundo. Siza kwenza intshayelelo emfutshane kuMncedisi oyinTloko yabaPostile uSchlaphoff.

Imvelaphi:

Ukusuka eHamburg, eJamani, iBandla elitsha labuPostile lasasazeka eNetherlands, lasuka aphi laya eJava, Indonesia, Chicago naseNew York, e-USA. Umsebenzi kaThixo wanda nase Mzantsi weikhweyitha phakathi konyaka ka 1884 no 1914.

Intshayelelo:

E-Australia, ngokunjalo nakuMntla nakuMzantsi Merika, amabandla aqala ukubakho xa abantu beBandla eliTsha lobuPostile abasuka eYurophu - ikakhulu bevela eJamani naseSwitzerland - bafudukela aphi. Nangona eyona nto eyayiphambili ebantwini yayikukuzakhela ubomi obutsha kwilizwe labo elitsha, bakwangqina ngenzondelelo ngokholo lwabo.

Amabandla okuqala eMzantsi Afrika asekwa nguMvangelie uKlibbe. Wayethunyelwe kunye negunya lakhe ukusuka e-Australia ukuya eMzantsi Afrika ngo-1889.

Umxholo:

UMzantsi Afrika: UCarl Klibbe kunye noWilhelm Schlaphoff

- Umvangelie uCarl Klibbe wathunyelwa eMzantsi Afrika ngo-1889 ukuze amisele amabandla apha.
- Waqala umsebenzi wakhe eKapa, kodwa nangona wayesebenza nzima akazange aphumelele.
- Emva kokufudukela eMonti waphumelela ekusekeni ibandla.
- Amabandla okuqala amiselwa phakathi kwabafuduki baseJamani.
- Kuba iinkonzo zobungwalis zaziqhutywa ngesiJamani, kwakunzima ukufumana abanye abantu kumsebenzi kaThixo ngaphandle kwamaJamani.
- UMvangelie uKlibbe wamiselwa waba nguMpostile ngencwadi ngo-1893.
- UWilhelm Schlaphoff wafudukela eMzantsi Afrika ngo-1890.
- KwaseJamani wayenalo unxibelewano neBandla eliTsha lobuPostile.
- Ngo 1901 waphinda wadibana nomsebenzi kaThixo eMonti waza watywinwa nosapho lwakhe konyaka olandelayo.



- Emva kokufumana isikhonzo sobudikoni kune negunya lokuhambi sa ivangeli eKapa, wafudukela apho ngo Januwari 1903.
- UMPostile uKlibbe wayitywina imiphefumlo yokuqala eKapa ngo 1904.
- Isakhiwo senkonzo sokuqala sakhiwa eClaremont, eKapa, ngo 1906.
- Ukongeza kwisiJamani, uWilhelm Schlaphoff, nowathe wamiselwa njengoMbingeleli, kungekudala wabamba iinkonzo zobungcwalisa ngesiNgesi nangesiBhulu.
- Ngo Septemba 1913 uWilhelm Schlaphoff, owayene sikhonzo sobuVeleli, wathanjiswa waba nguMPostile ngexesha wayehleli eJamani.
- Kwakuloo nyaka mnye, uMPostile uKlibbe wazihlukanisa neNtloko yabaPostile waza walishiya iBandla eliTsha lobuPostile.
- Umpostile uWilhelm Schlaphoff wayekhathalela amabandla ase Mzantsi Afrika.
- Isithili siqhubekile nokukhula ngentsikelelo enku.
- Ngomsebenzi wezinye iinkhkheli, kwasekwa amabandla eRhawutini ngo 1910 nase Pitoli ngo 1912, nakwezinye iidolphu ezininzi.
- Umpostile uSchlaphoff wafa ngo 1928 eneminyaka eyi 61.
- Ngelo xesha kwakukho amabandla ayi 39 kune nabantwana bakaThixo abamalunga ne 7,000 eMzantsi Afrika.

UMncedisi oyiNtloko yabaPostile uHeinrich Franz Schlaphoff:

- Ngunyana wompostile uWilhelm Schlaphoff.
- Nge 5 Disemba 1928, wamkela isikhonzo sobuPostile ngencwadi.
- Phantsi kobunkokheli bakhe umsebenzi kaThixo wakhula waya kumazwe asebumelwaneni (iZimbabwe neMalawi).
- Emva konyaka wanikwa nesithili soMzantsi Merika.
- Ngo 1930 watyelela eArgentina, eBrazil naseUruguay.
- Waye waqinisekisa ukuba iinkonzo zobungcwalisa zibanjwa ngolwimi Iwelizwe apho kufanelekileyo.
- Ngexesha leMfazwe yesibini (WWII) wakhathalela onke amabandla angaphandle kwe-Yurophu (e-Afrika, eMntla nakuMzantsi Merika, e-Asiya nase-Australia)
- Ngelo xesha uMPostile oyiNtloko uBischoff, wayeseJamani.
- Emva kwemfazwe, uHeinrich Schlaphoff wahlala enoxanduva lommandla weZantsi yeikhweyitha.



- Ukusukela ngo 1952 wasebenza njengoMpostile weSithili eMzantsi Afrika waze wathatha umhlala phantsi ngo 1954.

Sisthetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- Sifunde ngemvelaphi yeBandla eliTsha lobuPostile eMzantsi Afrika - kubalulekile ukwazi ukuba ibandla lethu lakhula njani kwilizwe lethu.
- Sifunde ukuba kuqala uCarl Klibbe ekunye noWilhelm Schlaphoff, bobabini bayinzalelwane yaseJamani, baqala umsebenzi kaThixo kuqala eMonti ze emva koko eKapa.
- Ekuqaleni iinkonzo zaziqhutywa ngesiJamani kuphela, zakuba iinkonzo ziqhutywa ngesiNgesi nangesiBhulu, umsebenzi kaThixo wanwenwela nakweminye imimango yelizwe.
- Umpostile uHeinrich Schlaphoff waba nguMncedisi weNtloko yabaPostile kwaye wasebenza ubukhulu becal a kumazwe ase Mzantsi wekhweyitha.

linkcukacha ezongezelelwego:

Kwesi sifundo sitethe nophuhliso lwebandla lethu eMzantsi Afrika. Nangona kunjalo, unakho ukuba nomdla kwindlela ibandla elikhule ngalo eMzantsi Melika naseAustralia. Kwincwadi yakho yokusebenza kukho amanqaku ngokubhekisele kuphuhliso lomsebenzi kaThixo kula mazwe. Kukho inqaku elinomdla lohambo loMncedisi weNtloko yabaPostile uSchlaphoff eMzantsi Melika.

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kune nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphuthume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe, Amen